Isalathiso: 20210813 -4967
Inombolo yefayili: 12/17/11
Imibuzo: E Stofile

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: 0006/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET*, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo ezifundisa iBakala 12

Isihloko: Ibhanki enguvimba wedatha yeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke yesistim yekhompyutha yemibuzo neempendulo

1. Iyafumaneka inkxaso kubafundi ababhala uviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) yemathiriyeli echaphazelekayo ukulungiselela ilayibrari yesistim yekhompyutha ekwifomathi yemibuzo neempendulo (*Q&A*) esekelwe kumaphepha emibuzo e-*NSC* eminyaka egqithileyo, kwi-*Learning Management System (LMS)*. yeSebe leMfundo leNtshona Koloni. (Makufundwe apha https://wcedelearn.westerncape.gov.za.)

2. Le bhanki inguvimba wedatha yemibuzo neempendulo inxulumene namaphepha emibuzo e-*NSC* aphakathi ko-2008 no-2020 yaye iquka izifundo ze-*Curriculum Assessment Policy Statement* kuzo zombini iilwimi, isiNgesi nesi-Afrikansi. Abafundi banikwa ithuba lokuvavanya iimpendulo zabo kwimibuzo, yaye bayinikwa ngoko nangoko inkcazo ngokuqhubekayo.

3. Ezi zibonelelo zemibuzo neempendulo (*Q&A*) zisekelwe kwicandelo lokuqala lamaphepha emibuzo eminyaka egqithileyo kuzo zombini iindidi zefomathi zemibuzo, imibuzo ekhethisayo (*multiple choice)* nemibuzo efuna iimpendulo ezimfutshane yaye zinganako ukusetyenziswa njengenxalenye yeeklasi zokufikelela kwikhontenti ekufuneka ifundiwe, ezenzelwe iinjongo zokurivayiza okanye njengoko kuyalelwe ngootitshala bezifundo.

4. Izifundo ezifumanekayo zidweliswe kwisihlomelo esiqhotyoshelweyo. (**Makufundwe isiHlomelo A**.)

5. Ukufikelela kwizibonelelo, abafundi beBakala 12 kufuneka babeneenkcukacha zokungena kwikhompyutha (*login details*). Iinkcukacha zokungena kwikhompyutha mazisetyenziswe xa kulandelwa amanyathelo alandelelanayo esikhokelo esingezantsi. Oku kuya kuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela ngqo kwizibonelelo zemibuzo neempendulo (Q&A) ezifumaneka ngoku nezihambelana nezifundo zabo abazikhethileyo.

6. Iinkcukacha zokungena kwikhompyutha zomfundi ziyafumaneka kwi-**"*CEMIS*",** phantsi kwe-ayithem yemenyu ephawulwe **"*Reports*",** emva koko phantsi kwemenyu engu- **"*LMS*".** Kunokwabelwana nabafundi beBakala 12 **ngeeNkcukacha zoMfundi zokuNgena kwikhompyutha**.

7. Kunikwe isikhokelo esinamanyathelo alandelelanayo ukuncedisa abasebenzisi bekhompyutha bafikelele kwezi zibonelelo zemibuzo neempendulo (Q&A). (**Makufundwe isiHlomelo B.**)

8. Ukuba nifuna ingcaciso okanye inkxaso engaphezulu, kucelwa niqhagamshelane nabacebisi be-*eLearning* bezithili zenu ngokusebenzisa le linki ilandelayo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/elearning/elearning-contact-your-elearning-advisor.

9. Kucelwa iinqununu ukuba zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-08-17